

Inombolo yefayili: 13/3/2/ National School Nutrition Programme (NSNP)
Isalathiso: 20231106 - 9440

Ingcaciso eMfutshane yeProgram i-National School Nutrition Programme (NSNP):0001/2023

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko kwiZithili kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli nakumaGosa eZithili eNational School Nutrition Programme, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamlayo kwi-National School Nutrition Programme nakooSihlalo bamabhunga olawulo abanabafundi abaxhamla kule program

Isihloko: Iziphumo zokuphicothwa kweencwadi kwiProgram ye-National School Nutrition Programme (NSNP) ukwenzela owama-2022/23

1. Ngethuba lokuphicothwa kweencwadi kunyaka wama-2021/22, uMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (Auditor-General of South Africa) uqaphele iziphene eziliqela kwiProgram i-National School Nutrition Programme (NSNP) ezimalunga nolawulo nokubekwa esweni kwale program.
2. Le ngcaciso imfutshane ke ngoko yenzelwe ukuncedisa izikolo ezixhamla kwi-NSNP ukuba ziyiphumeze ngokuyimpumelelo i-NSNP kwinqanaba lesikolo.
3. Ngenxa yokuba iinqununu kufuneka zibe zezikhokelayo kulawulo lweProgram i-NSNP ezikolweni zazo, iinkalo ezifuna ukuqwalaselwa, zikhankanywe apha ngezantsi yaye kufuneka zithathelwe ingqalelo xa kuphunyezwa iProgram i-NSNP.
4. Kuqatshelwe iziphene ezithile ngokumalunga nokwakhiwa kweekomiti zezikolo ze-NSNP, iindima nemisebenzi yazo, nguMphicothi zincwadi-Jikelele waseMzantsi Afrika (AGSA) yaye ke ngoko kufuneka kuphunyezwe la manyathelo alandelayo:

4.1 **Iindima nemisebenzi yekomiti yesikolo ye-NSNP**

Iinqununu nebhunga lolawulo mabaseke ikomiti yesikolo ye-NSNP equka la malungu alandelayo:

- (a) ilungu elinye leKomiti yoLawulo yeSikolo (SMT);
- (b) ilungu elinye lebhunga lolawulo;
- (c) ivolontiya elinye eliphatha ukutya;
- (d) ilungu elinye labasebenzi; kunye

(e) nelungu elinye leBhunga eliMele aBafundi (*Representative Council of Learners*) (kwizikolo eziziisekondari kuphela).

- 4.2 Ikomiti yesikolo ye-NSNP mayigcine zonke iirekhodi zemizuzu yazo zonke iintlanganiso.
- 4.3 Inqununu nebhunga lolawulo mabamisele amaxesha okutya njengoko emiselwe yi-*Conditional Grant Framework* okanye mabasebenzise umgaqo othi ngo-10:00 kunye/okanye phambi ko-12:30.
- 4.4 Mabaqinisekise ukuba amaVolontiya aPhatha uKutya (VFS) apheka yaye aphake izidlo ezinesondlo kuqukwa nesidlo sakusasa ukuze kuphakelwe abafundi kwangexesha, ukuqinisekisa ukuba iProgram i-NSNP isebenza kakuhle kwinqanaba lesikolo.
- 4.5 Ii-VFHs maziphake ukutya ngokungqinelana nenkqubo emiselwe yinqununu ne-SMT.
- 4.6 Izikolo mazilungiselele umlinganiselo wokutya ochanekileyo njengoko kumiselwe kwimenyu ye-NSNP.
- 4.7 Ukutya kufuneka kuze kuqala ngokubaluleka kunawo nawuphi na umsebenzi okanye itheko lesikolo yaye kufuneka kuphakwe ngamaxesha amisiweyo. Oku kuquka iziqhamo nemifuno etyiwa ngentsuku ezimiselweyo.
- 4.8 Mabatshekishe ukuba ii-VFHs ziyahlawulwa na izitayiphendi ezichanekileyo.
- 4.9 Kufuneka baqinisekise ukuba ii-VFHs zinazo iziXhobo/iiMpahla zokuziKhusela (*Personal Protective Equipment*), oko kukuthi: iiyunifom (*uniforms*), isinxibo esigquma intloko (*headgear*), neebhutsi (*boots*)/izihlangu ezivalekileyo (*closed shoes*) ukuze babambebele ngqo kwimiqathango yokuthobela ezempilo nokhuseleko.
- 4.10 Inqununu njengegosa elimele ukuphendula ngokusetyenziswa kwemali (*accounting officer*) inoxanduva lokulawula yonke iprogram yesikolo, yaye ngokwenjenjalo iqinisekise impumelelo yayo.
5. Kucelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-AJE MEYER

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO

UMHLA: 2023-11-20